

# NAL'IBALI

**Bhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi kunye nathi!**

**Celebrate World Read Aloud Day with us!**

Kunyaka ngamnye uNal'ibali uqulunqa ibali elenzelwe ngqo uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ngeelwimi ezisemthethweni ezili-11. Siye ke simeme abantu abadala kwilizwe liphela ukuba basijoyine ekufundeleni ngokuvakalayo ibali elo abantwana abasebomini babo ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

Each year Nal'ibali produces a story especially for World Read Aloud Day in all 11 official languages. We then call on adults throughout the country to join us in reading the story out loud to the children in their lives on World Read Aloud Day.

## Izinto ezisi-8 ozizuka ngokufunda ngokuvakalayo

Ukufundela abantwana bakho ngokuvakalayo:

1. kubabonisa ukuba uzixabisile iincwadi nokufunda.
2. kukunika izinto onokuthetha ngazo kunye nabo.
3. kwakha ukuqhogana nobudlelwane phakathi kwenu.
4. kubavumela ukuba bakubone ukufunda njengento enomdla neyanelisayo.
5. kubakhuthaza ukuba bafunde ukuzifundela ngokwabo, ukuze baqhubekeke befunda.
6. kubabonisa indlela esifunda ngayo nendlela ezisebenza ngayo iincwadi.
7. kwenza ukuba bakwazi ukonwabela amabali abangekakwazi ukuzifundela wona ngokwabo.
8. kuphuhlisa isigama sabo kunye nezakhono zabo zolwimi.

## 8 benefits of reading aloud

Reading aloud to your children:

1. shows them that you value books and reading.
2. gives you things to talk about together.
3. builds a bond between you.
4. allows them to experience reading as a satisfying activity.
5. motivates them to learn to read for themselves and then to keep reading.
6. shows them how we read and how books work.
7. lets them enjoy stories that are beyond their current reading ability.
8. develops their imagination, vocabulary and language abilities.

## Amacebiso okufunda ngokuvakalayo

- \* Ukufunda ngokuvakalayo kusoloko kufuna udlamko! Faka umoya kwilizwi lakho ukuze ibali liphile.
- \* Xa ufundela iqela labantwana, ziqhelise ukulifunda ibali ngokuvakalayo amaxesha aliqela phambi kokuba ulifundele bona.
- \* Qala ngokufundela abantwana bakho igama lombhali nomzobi wemizobo ukuze bayiqonde into yokuba iincwadi zibhalwe ngabantu abafana nabo!
- \* Nika abantwana bakho ixesha lokuba babuke imifanekiso ze benze amagqabantshintshi ngayo, ukuba bafuna ukwenza njalo.
- \* Nceda abantwana bakho baphuhlise ubuchule babo bokuqikelela okuza kwenzeka ngokubabuzwa imibuzo enjengothi, "Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koku?"

## Tips for reading aloud

- \* Reading aloud is always a performance! Put lots of expression in your voice to create the mood.
- \* If you are reading to a group of children, practise reading the story aloud a few times before you read it to them.
- \* Start by reading the name of the author and illustrator so that your children appreciate that books are created by people just like them!
- \* Allow time for your children to look at the pictures and comment if they want to.
- \* Help develop your children's prediction skills by asking questions like, "What do you think is going to happen next?"

## Joyina ubumnandi!

1. Yiya kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukuze ubhalise intsapho, iklabhu yokufunda okanye isikolo sakho uze uncedise ekwenzeni esi ibe sesona siganeko sikhulu soSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi eMzantsi Afrika.
2. Ngowesi-5 kuFebruwari 2025, fundela bonke abantwana abasebomini bakho ibali loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, Yintoni leyo?
3. Yabelana ngeefoto neevidiyo zeziganeko zakho zeWRAD kumaqonga ethu onxibelelwano usebenzisa ihashtag ethi **#nalibaliwrad2025**

## Join in the fun!

1. Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to sign up your family, reading club or school and help make this the biggest World Read Aloud Day event in South Africa.
2. On **5 February 2025**, read our World Read Aloud Day story, *What is it?*, to all the children in your life.
3. Share photos and videos of your WRAD events on our social media sites with the hashtag **#nalibaliwrad2025**

TheNalibaliChannel

nalibaliSA

@nalibaliSA

@nalibalisa

@nalibalisa

nalibalisa

The Nal'ibali Trust

0600 44 22 54



Drive your imagination



IT STARTS WITH A STORY.  
KONKE KUQALA NGEBALI.

# Imbewu yokufunda nokubhala!

Phindaphinda ukufundela abantwana bakho!

## Literacy Seeds!

Read to your children again and again!



Ayinyanga indlela echanileyo yokubalisa ibali ibe yiloo nto ewenza abe namandla kangaka! Funda kunye nabantwana bakho rhoqo ibe uza kubona zingakanani izinto abazifundayo nokuba yintoni abangayenza ngeencwadi!



Dear parents and caregivers of young children, settling down with your children and a story is an excellent way to have an enjoyable and satisfying time together. Exploring a story is much more than just reading the words on a page – it's about taking a journey together as you think and talk about the pictures and ideas in the story.

Bazali nani bagcini babantwana abancinci ababekekileyo, ukuhlala phantsi nabantwana benu kunye nebali yeyona ndlela intle yokuba nexesha elimnandi nelanelisayo kunye nabo. Ukubalisa ibali ayikokufunda nje amagama akwelo phepha – kukuthatha uhambo kunye njengoko ucinga kwaye uthetha ngemifanekiso nangeengcamango ezikwelo bali.



There is no one correct way to experience a story and that's what makes them so powerful! Read with your children regularly, and you will see just how much they learn and what they can do with books!

## Amacebiso okufunda ngoSuku lokuFunda ngokuYakalayo lweHlabathi – nawemihla yonke!



## Reading tips for World Read Aloud Day – and every day!

- \* Funda umxholo wencwadi kunye negama lombhali nomzobi wemizobo qho ufundela abantwana bakho ibali. Bacele baqashele ukuba lithetha ngantoni eli bali ngokuva nje umxholo nangokujonga imifanekiso ekwikhava.
- \* Xa ubafundela ngokuvakalayo, ungumzekelo wabo wokufunda, ubanika ulwazi oluxabisekileyo ngendlela esifunda ngayo amabali.
- \* Funda ngemvakalelo enamandla kangangoko unako. Ungaziva uneentloni ekuqaleni xa usenza le nto, kodwa abantwana bakho baza kuyixabisa loo nto!
- \* Kwenze nzulu ukuqonda kwabantwana bakho amabali obafundela wona ngokubuzisa imibuzo. Mhlawumbi ungabuzisa eminye yale mibuzo njengoko ufunda ibali, ngoxa eminye imibuzo ungayixubusha emva kokuba ugqibile ukufunda. Ukuthetha ngamabali ngezi ndlela kunceda abantwana baqonde indlela amabali asebenza ngayo – nto leyo nayo ebubuchule obubalulekileyo bokufunda nokubhala!
- \* Beka ixesha eikhethekileyo suku ngalunye eninokufunda kunye ngalo amabali. Wafunde ngokuvakalayo amabali owithandayo kunye namabali akhethwa ngabantwana bakho.

- \* Read the title of the book and the name of the author and illustrator each time you read a story to your children. Ask them if they can guess what the story is about from listening to the title and looking at the illustration on the cover.
- \* When you read aloud for them, you are their reading role model, giving them precious knowledge about how we read stories.
- \* Read with as much expression as you can. You may feel a little odd doing this in the beginning, but your children will appreciate it!
- \* Deepen your children's understanding of the stories you read by asking questions. You might want to ask some of these questions as you read a story, while other questions can be discussed after you have finished reading. Talking about stories in these ways helps children to understand how stories work – another essential literacy skill!
- \* Set aside a special time each day when you can enjoy stories together. Read aloud stories that you like and the stories that your children choose themselves.



Drive your imagination



## Indlela yokusebenzisa ibali elithi *Yintoni leyo?*

1. Bameme – ungaze ubanyanzele – abantwana bakho ukuba bafunde nawe.
2. Fumana indawo ethe cwaka nefanelekele ukufunda. Cima unomathotholo, umabonwakude, neselfowuni.
3. Hlalani nisondelelane okanye umsingathe umntwana wakho
4. Qala ngokujonga uze uthethe ngekhava engaphambili yalo ncwadi. Funda umxholo webali negama lombhali nelomzobi wemizobo.
5. Jonga imifanekiso kwiphepha ngalinye. Khuthaza umntwana wakho ukuba awanukise, awaphathe okanye awachukumise amaphepha
6. Lenze liphile ibali! Sebenzisa amazwi ahlukileyo xa kuthetha uAfrika, uMme wa Afrika, umqhubi weteksi nabantu abasemarikeni.
7. Buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ngoku?" kwiindawo ezahlukeneyo ebalini. Imibuzo enjalo inceda ekuvuseleleni amandla omntwana wakho okuthethelelela.
8. Ncokolani ngeli bali. Xubushani imibuzo efana nethi, "Uyakuthanda ukuya ezivenkileni? Unjani umbala weepile?"
9. Xelela umntwana wakho into oyithandayo ngaloo mifanekiso. Mbuze umntwana wakho ukuba yena uthanda ntoni ngaloo imifanekiso.
10. Okona kubalulekileyo, konwabele ukufunda nabo incwadi, uze uzame kangangoko unako ukwenza ukufunda kube mnandi.



## How to use the story *What is it?*




1. Invite – never force – your child to read with you.
2. Find somewhere quiet and comfortable to read. Turn off the radio, TV, and cell phone.
3. Sit close together or with your child on your lap.
4. Start by looking at and talking about the story's front cover. Read the story's title and the names of the author and illustrator.
5. Look at the pictures on each page. Encourage your child to smell, hold or touch the pages.
6. Make the story come alive! Use different voices for Afrika, Mme wa Afrika, the taxi driver and people at the market.
7. Ask, "What do you think is going to happen next?" at different parts of the story. Such questions will help to stimulate your child's imagination.
8. Talk to each other about the story. Discuss questions like, "Do you like going shopping? What is the colour of the apples?"
9. Tell your child what you like about the illustrations. Ask your child what they like about the illustrations.
10. Most of all, enjoy sharing the book, and always try your best to make reading fun!

## Imisebenzi ecetyiswayo yebali elithi *Yintoni leyo?*

Ebudeni bayo yonke imini (kwanaxa usenza imisebenzi yasekhaya!), ningenza izinto ezimnandi nabantwana bakho:

- \* Culani ingoma ngeewindmill, imibala okanye ngokuya emarikeneni.
- \* Jonga abantwana bakho uze walathe into ekufutshane. Babuze, "Yintoni le?" Banike ixesha lokuphendula. Emva koko, enoba bayayichana impendulo okanye abayichani, yihi: "Yi- ...", uze ubakhuthaze ukuba basiphinde eso sivakalisi usitshoyo.
- \* Khuthaza abantwana bakho bazame ukuzoba iwindmill.



## Activity ideas for *What is it?*

Throughout the day (even when you are doing chores!), you can do fun activities with your children:

- \* Sing a song about windmills, colours or going to the market.
- \* Look at your children and point to something close by. Ask them, "What is it?" Give them time to answer. Then, whether they answered correctly or incorrectly, say: "It is a ...", and encourage them repeat your sentence.
- \* Encourage your children to try drawing a windmill.



## Indlela yokusebenzisa amabali ethu ngeendlela ezahlukeneyo

1. **Balisela umntwana wakho ibali.** Lifunde ibali uze uziqhelanise nokulibalisa. Emva koko sebenzisa ilizwi, ubuso nomzimba wakho ukuze ubenze baphile abalinganiswa belo bali.
2. **Mfundele ibali umntwana wakho.** Ncokolani ngemifanekiso. Buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwale?" okanye "Ucinga ukuba kutheni lo mlinganiswa eye wathetha okanye wenza le nto?"
3. **Funda ibali kunye nomntwana wakho.** Tshintshisanani ngokufunda ibali. Ungamlungisi xa ephazamile, uze umncede kuphela xa ekucelele.
4. **Mamela umntwana wakho xa efunda.** Mamela ungamphazamisi. Mxelele ukuba uyakuthanda ukummamela xa ekufundela ngokuvakalayo.
5. **Yenzani izinto ezikwindawo ethi Yenza ibali linike umdla!** Ukwenza ezo zinto nabantwana bakho kuza kuba mnandi kuwe nakubo.

## How to use our stories in different ways

1. **Tell the story to your child.** Read and practise telling the story. Then use your voice, face and body to bring the story to life.
2. **Read the story to your child.** Talk about the pictures. Ask, "What do you think happens next?" or "Why do you think the character said or did that?"
3. **Read the story with your child.** Take turns to read the story together. Don't correct their mistakes, and only help if they ask for it.
4. **Listen to your child read.** Listen without interrupting. Say that you enjoy hearing them read aloud to you.
5. **Do the Get story active! activities.** This should be fun for you and your child.



# Imisebenzi emi-6 yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi



## 6 World Read Aloud Day activities



1. Nika abantwana bakho ithuba lokuba bazenzele iibheji zabo zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (jonga kwiphepha le-16) phambi komhla wo-5 kweyoMdumba ukuze bazinxibe ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. (Xa ufuna ukuzongeza, ungazifumanela ezinye iikopi zeebheji kwanangezinye iilwimi ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).)



1. Let your children make their **World Read Aloud Day badges** (see page 16) before **5 February** so that they can wear them on World Read Aloud Day. (You can get extra copies of the badge or find it in other languages at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).)

2. Khetha eminye yemisebenzi ecetyiswe kwibali elithi *Yintoni leyo?* Nakwicandelo elithi "Yenza ibali linike umdla!" kwikhava engasemva yeli bali.



2. Choose some of the activities suggested for *What is it?* in the "Get story active!" section on the back cover of the story.

3. Esikolweni sakho:
  - \* **chwangcisola indibano ekhethekileyo** yokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, uze ucele omnye okanye abanye babasebenzi ukuba bafundele abantwana ibali lethu elithi, *Yintoni leyo?*
  - \* **lungiselela ukuba abantwana abadadlana bafundele abancinane** kunabo ngexesha elithile kuSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

3. At your school:
  - \* **arrange a special assembly** to celebrate World Read Aloud Day and have one or more of the staff read our story, *What is it?*, to the children.
  - \* **organise for the older children to read to the younger children** sometime during World Read Aloud Day.



4. Eklasini yakho, misela uSuku lokuYeka-konke-okwenzayo-uzefunde. Qinisekisa ukuba uneencwadi ezininzi namabali amaninzi kangangoko ukuze abantwana bakho bakwazi ukufunda. Khangela into ethile oza kuyisebenzisa njengento yokwenza ingxolo eya kuphawula ukuphela kwexesha xa kufundwa, njengegubu okanye ibhotile yeplastiki ezaliswe ngeembotyi. Kusuku lonke ngomhla wo-5 kweyoMdumba, ngalo lonke ixesha abantwana besiva into yokwenza ingxolo ikhala, baxebelele ukuba bayeke yonke loo nto bebeyenza bakhethe incwadi abaza kuyifunda imizuzu eli-10.

4. In your classroom, organise a **Stop-and-Read Day**. Make sure that you have lots of books and stories available for the children to read. Find something to use as a sound signal, like a drum or a plastic bottle filled with dried beans. Throughout the day on 5 February, whenever the children hear the sound signal, tell them to stop what they are doing and choose a book to read for 10 minutes.




5. Kwindawo osebenza kuyo, xelela oogxa bakho malunga noSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi uze ubacele umngeni wokuba basebenzise ubuncinane imizuzu engama-30 befundela abantwana babo ekhaya ngomhla wo-5 kweyoMdumba. (Khumbula ukuba nawe kufuneka ukwazi ukwenza oko kufunwa ngumngeni lowo okanye ubethe ngaphaya kwawo!)

5. At your workplace, tell your colleagues about World Read Aloud Day and then challenge them to spend at least 30 minutes reading to their children at home on 5 February. (Remember that you will have to meet or better the challenge too!)



6. Yenza iipowusta zakho zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwangowama-2025 ukuze unikele ngolwazi malunga nokubaluleka kolu suku. Kunye nabantwana, sikani nikhuphe oonobumba nemifanekiso kwiimagazini nakumaphephandaba, zobani imifanekiso, bhalani amagama angawenu nezivakalisi, nisebenzise imifanekiso efunaneka kwiiNtlelo zikaNal'ibali ezidlulileyo okanye esuka kwiwebhusayithi kaNal'ibali (yiya kwicandelo lethu elithi "Story supplies" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Yenzani ezenu izilogani okanye nisebenzise esi sethu – Yabelanani ngebali namhlanje!

6. Make your own **World Read Aloud Day 2025 posters** to create awareness about the importance of this day. With the children, cut out letters and pictures from magazines and newspapers, draw pictures, write your own words and sentences, and use pictures from past Nal'ibali Supplements or the Nal'ibali website. Make up your own slogans or use ours – Share a story today!



### Yandisa ithala lakho leencwadi. Zenzele iincwadi EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi- **5** ukuya kwele- **12** kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi- **5**, elesi- **6**, ele- **11** nele- **12** lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi- **7**, **8**, **9** nele- **10** lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



### Grow your own library. Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages **5** to **12** of this supplement.
2. The sheet with pages **5**, **6**, **11** and **12** on it makes up one book. The sheet with pages **7**, **8**, **9** and **10** on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your imagination

U/Mme wa Afrika usa abantwana kwindawo ethengisa iziqhamo. Iiqaple ezibomvu zibengezela kakhulu. "Ningathanda iiqaple?" uyabuza u/Mme. "Hayi, enkosi!" utsho uAfrika. Endleleni yabo eya kuthenga imifuno, babona imikrolo yemithi emdaka ngebala nemincinci yabantu nezilwanyana. "Mme, jonga uDintle echulumancile, ekhomba umfanekiso oqinngqileyo wekhegwazana."



On their way to buy vegetables, they see small, brown wood carvings of people and animals. Dintle says excitedly, pointing to a statue of an old woman. "Mme, see Gogo,"

"No, thank you," says Afrika. "Mme wa Afrika takes the children to the fruit stalls. The red apples are so shiny. 'Would you like some apples?' Mme asks.

U/Afrika okacingi ukuba elo ligama leSesotho lephiko, kodwa uyambulela u/Mme wa Maduo phambi kokuba ojoyine usapho lwakhe.

Xa befika emariken, uAfrika ubona umhlobo wakhe uMaduo, nomama wakhe. Ngelizwi eliphantsi, ubuza u/Mme wa Maduo, "Lithini igama lephiko ngesesotho?" "Ke windy milliy, utsho u/Mme wa Maduo.



When they arrive at the market, Afrika sees his friend Maduo and her mom. In a hushed tone, he asks Maduo's mom, "What is the word for *i-windmill* in Sesotho?" "Ke windy milliy," says Mme wa Maduo. Afrika doesn't think that this is the real Sesotho name for a windmill, but he thanks Mme wa Maduo before rejoining his family.

Afrika, Dintle and their mother, Mme wa Afrika, are going to the market. Mme wa Afrika has promised that she would buy Afrika a toy or a treat if he knows what it is called in Sesotho. Afrika wants a windmill. But will he find out its Sesotho name before the end of their visit to the market?



U/Afrika, uDintle nomama wabo, u/Mme wa Afrika, baya emariken. u/Mme wa Afrika uthembise ukuba uza kuthengela uAfrika ithoyi okanye into emnandi ukuba uyayazi igama layo ngesiSuthu. U/Afrika ufuna iwindmill. Kodwa ngaba uza kulifumana igama layo lesiSuthu ngaphambi kokuba kuphele ixesha lokundwendwela kwabo emariken?

### Get story active!

- ✿ Draw a picture of your favourite toy or treat.
- ✿ Make a list of your 10 favourite toys or treats in your home language. Now find out and write down the names of those toys and treats in at least one other language.
- ✿ Together with your family, make a toy windmill using sticks, wool or string, paper and glue.

### Yenza ibali linike umdla!


- ✿ Zoba umfanekiso weyona thoyi okanye into emnandi oyithandayo.
- ✿ Yenza uludwe lwezona thoyi okanye izinto ezimnandi ezili-10 ozithandayo ngolwimi lwakho lweenkobe. Ngoku khangela uze ubhale amagama ezi thoyi okanye ezi zinto zimnandi ubuncinane ngolunye ulwimi olunye.
- ✿ Ukunye nentsapho yakho, yenza iwindmill eyithoyi usebenzisa izinti, uboya okanye umtya, amaphepha neglu.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

## What is that?



## Yintoni leyo?

*Baeletsi Tsatsi • Rico Schacherl*


**Ideas to talk about:** Which language(s) do you speak? Why do you think it is important to understand different languages? Do you know any words that we use across different languages in South Africa? What are they?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Zeziphi iilwimi ozithethayo? Kutheni kubalulekile ukwazi iilwimi ezahlukeneyo? Ingaba uyawazi amagama esiwasebenzisa kwiilwimi ezahlukeneyo eMzantsi Afrika? Ngawaphi?



Drive your  
imagination

“Windmill, mofana wam?” umqhubi uyabuzza, ehleka.  
 “Nditheha ukuba ibizwa ngokuba yintoni  
 ngeSesotho?” uAfrika uyasebeza.  
 “Windmill yiwindmill,” utsho umqhubi, esonjusa  
 isandi kunomathotholo weteksi.  
 Le asiyiyo impendulo uAfrika ayidingayo.



UAfrika uyazazi into ayifunayo kodwa akakalazi igama  
 layo ngeSesotho. Icebo lakhe kukubuzza wonke umntu  
 adibana naye ukuba bayalazi na igama layo leSesotho.  
 “Molo, Malume,” uAfrika ubulisa umqhubi weteksi  
 njengoko ekhwela kwisihlalo esingaphambili.  
 Endleleni eya emariken, uAfrika ubona elona alithandayo  
 iphiko elizuba okuqagambileyo kwifama ekufutshane aze  
 olikhombwe. “Malume, kuthiwa yintoni ukubizwa laa nto?”  
 uyabuzza.

Today is the first day of the school holiday! It is also  
 market day, and Mme wa Afrika is taking Afrika and  
 Dintle to the market to buy a toy or treat.

“There is only one condition before you can get your  
 toy or treat,” Mme wa Afrika says, smiling. “You must  
 know its name in both Sesotho and English!”

Namhlanje lusuku lokuqala lweeholide zesikolo!  
 Ikwalusuku lwemarike, yaye uMme wa Afrika usa  
 uAfrika noDintle emariken, ukuyothenga ithoyi  
 okanye into emnandi.

“Mnye nje umqathango phambi kokuba ufumane  
 ithoyi yakho okanye into emnandi,” utsho uMme  
 wa Afrika, encumile. “Kufuneka wazi igama layo  
 ngeSesotho nangesiNgesi!”

“Would you like a statue, Afrika?” Mme asks.  
 “No, thank you,” says Afrika, smiling and shaking his  
 head.  
 Afrika goes to speak to the woman sitting by the  
 carved statues. “Hello, Mama, can you make one of  
 those?” Afrika asks, pointing to a black and white  
 windmill in the distance.  
 “I can make anything out of wood, my boy,” she  
 answers proudly.  
 “Yes!” Afrika thinks to himself and does a little  
 dance. “Can you please tell me what that is called in  
 Sesotho?” he asks.  
 “Eee, kids these days! Their questions,” the woman  
 says without answering.  
 “Ungawuthanda umfanekiso oqingqiweyo, Afrika?”  
 Uyabuzza uMme.  
 “Hayi, enkosi,” utsho uAfrika, encumile yaye enikina  
 intloko.  
 UAfrika uhamba aye kuthetha nenkosikazi ehleli  
 ngakwimifanekiso eqingqiweyo. “Molo Mama,  
 ungakwazi ukwenza enye yeziya?” Uyabuzza uAfrika,  
 ekhomba iphiko elimnyama namhlophe mgama.  
 “Ndingenza nantoni na ngomthi, nyana,” uphendula  
 ngokuzingca.

“This *sefefo sa moea*,” Afrika says triumphantly. Then  
 he holds the windmill above his head like a trophy and  
 watches its blades turn in the wind. “That was a very  
 clever way of learning a new word, wasn’t it, Dintle!” he  
 says happily.




“Esi *sefefo sa moea*,” utsho uAfrika ngoloyiso. Aze  
 aphakamisele iphiko ngaphezulu kwentloko yakhe  
 okwendebe yaye abukele iibhleyidi zalo zijikeleza  
 emoyeni. “Leyo yindlela ekrelekrele yokufunda igama  
 elitsha, akunjalo, Dintle!” utsho onwabile.



“Ungasixelela izinto ezidityaniswayo xa lisenziwa, siyacela?” wabuza uZaza. “Ngelishwa, andisazikhumbuli,” watsho uMakhulu, ebonakala engakhathazekanga tu. Kodwa amehlo ka-Ayo avuleka. “Ndicinga icebo,” watsho. “Mhlawumbi singazama ukuzicingela ezethu izinto ezidityaniswayo.” “Ewe, ewe!” wadanduluka watsho uZaza. “Masenze!”

Aba bantwana bathatha imbiza kaMakhulu enemilenze emithathu baya nayo egadini, balungela ukugalisa iphulo labo lokwenza igongqongqo.



Xa begqiba baqalisa ukuzamisa lo mxube ngezintu “Ndiyathemba ukuba aliyi kuba ligongqongqo elingaqondakaliyo,” watsho uAyo, ebonakala enekhala. “Nam, wavuma uZaza. “Ndiyabathanda kaloku oobhontsi bam.”

“Siza kuwuphheka njani lo mxube?” wabuza uZaza. Kodwa wakhawuleza wayifumana impendulo. Njengoko aba bantwana babezamisa, kwathi gqi umsi embizeni.



Then they began to stir the mixture with sticks. “I hope it’s not going to be a dodgy dragon,” said Ayo, looking a little worried. “Me too,” agreed Zaza. “I kind of like my thumbs.”

“How are we going to cook this mixture?” wondered Zaza.

And although they spent months and months trying to make another dragon, they never could. But, they didn’t give up hope. They knew that one day someone else would figure it out, and, just maybe, that someone is **YOU!**

Ibe nangona babechithe iinyanga eziliqela bezama ukwenza elinye igongqongqo, abazange bakwazi. Kodwa abazange bancame. Babesazi ukuba ngenye imini ukho umntu oza kuyifumana, ibe mhlawumbi loo mntu **NGUWE!**





Emva koko, umxube wagalisa ukwenza izandi nokubhadla. Watutha waza wadumzela yaza loo mbiza yadlidlileka ngamandla. Emva koko, kwagqushumba iifireworks embizeni!



But she didn't need to wonder about that for long. As the children stirred, smoke began to rise from the pot. Then, the mixture started to crackle and pop. It burped and burbled and the pot shook violently. And then, fireworks exploded out of the pot!

Granny ran outside to see what all the noise was about.

"Oh, I see you made a dragon!" she said. "And I see it's a friendly one too. Well done! But, can you remember the recipe?"

Ayo and Zaza looked at each other. Uh-oh! They couldn't remember the recipe!

UMakhulu wabaleka waphuma phandle ukuze abone ukuba ibangelwa yintoni loo ngxolo.

"O, ndiyabona ukuba nenze igongqongqo!" watsho. "Ibe ndiyabona nokuba linobuhlobo. Nisebenzile! Kodwa, nisakhumbula ukuba nidibanise ntoni nantoni?"

UAyo noZaza bajongana.

Eh-oh! Babengasazikhumbuli izinto abazidibanisileyo!



"Can we have the recipe, please?" asked Zaza. "Sadly, I can't remember it," said Granny, not looking sad at all. But then Ayo's eyes lit up. "I know," he said. "Perhaps we should try coming up with our own recipe." "Yes, yes!" exclaimed Zaza. "Let's do it!" The children took Granny's big three-legged pot out into the garden, ready to begin their dragon-making adventure.

Zaza and Ayo were spending the weekend at their granny's house.

"We're bored," they moaned.

"Well, why don't you build a puzzle or play a game?" suggested Granny.

"B-o-r-i-n-g!" sang the children.

"Ooh, I know," said Granny, lowering her voice to a whisper. "Why don't you try to make a ... **DRAGON!**"


UZaza noAyo babechitha impelaveki kwamakhulu wabo.

"Sikruqukile ngoku thina," batsho bekhulaza.

"Kulungile ke, kutheni ningakhi ipuzzle okanye nidlale umdlalo?" wacebisa uMakhulu.

"Iya-di-ka!" bacula batsho aba bantwana.

"O, nali elinye icebo," watsho uMakhulu, esehlisa ilizwi lakhe ukuze asebeze. "Kutheni ningazami ukwenza ... **IGONGQONGQO!**"



“Makhulu,” batsho aba bantwana behlekele phantsi. “Ayikho into ekuthiwa ligongqongqo.”  
 “Kakade, akhona!” watsho uMakhulu. “Ncinga ukuba kutheni ndingasenabhontsi? Ukwenza igongqongqo akungomdalo. Kufuneka izinto zokulenza nizixube kakuhle, kungenjalo niza kuphela nimegongqongqo elibolileyo, njengam.”  
 Uayo noZaza bajongana bethé phuhlú amehlo arawundi ngathi zipitsa.  
 Ngaba babeza kukwazi nyhani? Ngaba babeza kulenza nyhani igongqongqo?



**KAPOW!**  
**BHUUUM!**

**And, out popped a ...  
 DRAGON!**

“Eeee!” squealed the children with delight.  
 “We did it! We made a dragon!”

Zaza turned to the dragon and nervously asked, “A-are you a friendly dragon?”


“Of course I am, silly!” said the dragon, smiling.

**Gqi ...  
 IGONGQONGQO!**

“Eeee!” bakhwaza aba bantwana bevuya.  
 “Silenzile! Senze igongqongqo!”

UZaza wajika wajonga elo gongqongqo waza wabuza, “Uligongqongqo elinobuhlobo?”

“Kakade, sukugeza apha!” latsho igongqongqo, lincumile.



“Ewe!” uAfrika uyazicingela ejayiva kancinci:  
 “Unganceda undixelele ukuba ibizwa ngokuba  
 yintoni ngesesotho?” uyabuza.  
 “Owu, abantwana bale mihlali imibuozo yabo,  
 itsho inkosikazi ingaphenduli.

“Dumela, Mme,” Afrika greets the saleswoman. “All your toys are beautiful!”

“Thanks! We make them from recycled materials,” the woman says, handing Afrika the windmill he is looking at.

“But what is this thing?” Mme wa Afrika asks, looking at Afrika.

“It’s a *sefefo sa moea*. Do you want something else?” the woman says, thinking that Mme wa Afrika is talking to her.

A big smile lights up Afrika’s face. “May I have this one, please?” he says.

“This what?” Mme wa Afrika asks, as she pays for the windmill.

“Dumela, Mme,” uAfrika ubulisa umthengisi. “Zonke iithoyi zakho zintle!”

“Enkosi! Sizenza ngezinto ebesezikhe zasetyenziswa,” itsho inkosikazi inika uAfrika iphiko alijongileyo.


“Kodwa yintoni le nto?” uMme wa Afrika uyabuza, ejonge uAfrika.

“Ke *sefefo sa moea*. Ikhona enye into oyifunayo?” itsho inkosikazi, icinga ukuba uMme wa Afrika uthetha nayo.

Uncumo olukhulu lukhanyisa ubuso buka-Afrika,  
 “Ndingayifumana le nto, ndiyacela?” utsho.


“Le ntoni?” uyabuza uMme wa Afrika njengoko ehlawulela iphiko.

“-Windmill, my boy?” the driver asks, laughing.  
 “I mean, what is it called in Sesotho?” Afrika whispers.  
 “-Windmill yi windmill!” the driver says, turning up  
 the volume on the taxi’s radio.  
 This is not the answer Afrika needs.



Afrika knows what he wants but doesn’t get  
 know the name for it in Sesotho. His plan is to ask  
 everyone he meets if they know the Sesotho word.  
 “Hello, Uncle,” Afrika greets the taxi driver as he  
 climbs into the front seat.  
 On the way to the market, Afrika sees his favourite  
 bright blue windmill on a nearby farm and points to  
 it. “Uncle, what is that thing called?” he asks.





uAfrika ufuna iphiko elincinci elinemibala  
 awalibona emariken! kwixa lokugqibela babephaya.  
 Limkhumbuza ngamaphiko abasoloko bewabona  
 kwifama ezikufutshane.  
 “Jonga indlela elinemibala ngayo! Ungalibona  
 likude lee,” uxela uDintle, ekhomba iphiko endleleni  
 eya eteksin!

Afrika wants the small, colourful windmill he saw at the market the last time they were there. It reminds him of the windmills they always see on the nearby farms.  
 “Look how colourful it is! You can see it from far away,” he tells Dintle, pointing out a windmill on the way to the taxi.



As Afrika, his mom and Dintle continue walking through the market, they see a boy playing with a toy tin car. The wheels are made of recycled bottle caps.  
 “Would you like a toy car, Afrika?” Mime asks.  
 “No, thank you,” says Afrika.  
 Then Afrika sees it! A small windmill on top of a table, its colourful blades turning in the breeze.  
 “That is beautiful,” Mime says to Afrika, admiring the windmill too.  
 “That’s exactly what I want,” Afrika says and runs towards the table.  
 “Well, you know the deal,” Mime says as she joins him.  
 Afrika realises that he still doesn’t know the word for windmill in Sesotho.

Njengoko uAfrika, umama wakhe noDintle beqhubeka behamba emariken, babona inkwenkwe idlala ngemoto yetoti. Amavili enziwe ngeziciko zeebhotile esezisetgenzisiwe.

“Ungayithanda imoto yethoyi, Afrika?” uyabuza uMme.

“Hayi, enkosi,” utsho uAfrika.

Emva koko uAfrika uyalibona! Iphiko elincinci phezu kwetafile, iibhleyidi zalo zijikeleza emoyeni.

“Eliya lihle,” uMme utsho kuAfrika ebuka iphiko naye.

“Yile nto kanye ndiyifunayo,” utsho uAfrika aze abaleke aye ngasetafileni.

“Kamnandi, uyasazi isivumelwano,” utsho uMme njengoko emjoyina.

UAfrika uyaqonda ukuba akakalazi igama lephiko ngeSesotho.



# Indlela yokwenza iwindmill yephepha elula

# How to make a simple paper windmill

**Kufuneka ube:** Nephepha okanye ikhadibhodi ecekeceke, isikere, iglu, iikhrayoni nee-marker, ipensile enerabha, okanye umcinga wokusela weplastiki, i-push pin

**You will need:** paper or thin cardboard, scissors, glue, crayons or markers, pencil with eraser/plastic drinking straw, push pin

1.



- Ukuba usebenzisa iphepha eliqhelekileyo, ncamathelisa amaphepha amabini ngeglu. Qaba iglu kulo lonke icala lephepha ngalinye. Yiyeke yome loo glu.
- Zoba okanye upeyinte iiphatheni ezimibalabala kwelinye icala lelo phepha.
- Lisike iphepha lakho libe sisikweri.
- Litsibe eli nyathelo ukuba usebenzisa ikhadibhodi ecekeceke.



- If you are using ordinary paper, glue two pages together. Put glue on the entire area of the pages. Let the glue dry.
- Draw or paint some colourful patterns on one side of the paper.
- Cut your paper into a square shape.
- Skip this step if you are using thin cardboard.

2.



- Sebenzisa irula nepensile ukuze ukrwele imigca emibini esuka kwiikona ezingqameneyo zeso sikweri.
- Use a ruler and pencil to draw two lines connecting two opposite points of the square.

3.



- Sika uye kuma kwisiqingatha somgca ngamnye. Ngoku uza kuba neencam ezisi-8 kwisikweri sakho.
- Cut just over halfway to the middle of the square along each line. You will now have 8 tips on your square.

4.



- Yisa incam 1 kumbindi wesikweri ungakhange ulishwabanise iphepha. Yincamathelise ngeglu.
- Bring Tip 1 to the centre of the square without creasing the paper. Glue it in place.

5.



- Yisa incam 3, 5 no-7 kumbindi wesikweri uze uzincamathelise ngeglu.
- Bring Tips 3, 5 and 7 to the centre of the square and glue them in place.

6.



- Faka ipush pin embindini. Yixikixe le push pin ukuze yenze umngxuma omkhudlwana.
- Insert a push pin into the centre. Wiggle the push pin around to make the hole a bit larger.



7.



- Ncamathelisa iwindmill kwipensile ngokufaka ipin kwirabha yepensile. Ungayityhali ngamandla de iqine xa uyifakayo; kungenjalo, iwindmill ayizukwazi ukujikeleza lula.
- Attach the windmill to a pencil by pushing the pin into the pencil's eraser. Don't push it on too tightly; otherwise, the windmill will not be able to spin freely.

8.

Vuthela kwiincam zewindmill ukuze uyenze ijikeleze. Yonwabele!

Blow on the edges of the windmill to make it spin. Have fun!





# Ivenkile Yomlingo KaFolbo

NguKai Tuomi ■ Imizobo nguJiggs Snaddon-Wood



Indlela egodukayo kaNomsa xa evela esikolweni yayidlula ecaleni kwezindlu ezimibalabala, aji keke ngaphaya kwesitishi sikaloliwe aze anqumle ethafeni aye kungena kwifama yakowabo.

UNomsa wayelithanda eli thafa kuba babembalwa abantu.

"Akwaba bendingahlali efama," watsho, ekhaba ilitye elisendleleni.


UNomsa wayeyazi kakuhle loo ndlela, ngoko wothuka akubona isakhiwo esingaqhelekanga ecaleni kwendlela. Sasisincinane kakhulu ukuba kuhlale umntu kwaye sinamakhulu eetshimili ezikhupha umsi omibalabala.

"Kuphi ke ngoku apha?" watsho, egoba ukuze afunde uphawu olungentla komnyango omncinci olwalubhalwe: **Ivenkile Yomlingo KaFolbo**.

UNomsa wahleka, "Inoba kuyaqhulwa. Ayikho into ekuthiwa ngumlingo."

"O," latsho ilizwi elincinci elingaqhelekanga, "ucinga ukuba ayikho into ekuthiwa ngumlingo? Khawucacise apha ke."

Kwatsho isithonga esikhulu kwalanyaza nezibane ezinombala opinki nobugolide, waza uNomsa wazibona sele egobe ngaphakathi kweVenkile Yomlingo KaFolbo intloko yakhe ifike kwisilingi.



"Yintoni le usandul' ukuyenza?" wabuza uNomsa emangaliswe.

"Ngumlingo," satsho esi sidalwa singemva kwekhawuntari yevenkile.

Amehlo kaNomsa aya evuleka njengoko wayebona ukuba esi sidalwa wayethetha naso yayilicakile elalinxibe isuti epinki ehonjiswe ngeefrill.

"Igama lam nguFolbo. Wamkelekile kwivenkile yam yomlingo. Ndikuvile ngokuya ubusithi akwaba ubungahlali efama. Ndingakunceda ngomlingo ukuze uyitshintshe loo nto."

"Nyhani?" wabuza uNomsa emangaliswe.

"Ewe," watsho uFolbo ethatha ibhotile yakhe yeyenza lomlingo ngomsila wakhe. "Eli yeza lomlingo lifezekisa iminqweno emihlanu. Unganqwenela ukuyohlala kwenye indawo. Phofu unganqwenela nantoni na."

Amehlo kaNomsa athi nta. "Yimalini?" wabuza.

"O," watsho uFolbo, "ixabiso liphantsi, zisenti ezingamashumi amahlanu nje kuphela."

"Ndinazo iisenti ezingamashumi amahlanu," watsho uNomsa enemincili. "Ndiza kulithatha."

"Kuhle ke," watsho uFolbo, emnika loo bhotile, "kodwa ke ulumke. Iminqweno ayisoloko ihamba ngale ndlela ufuna ngayo. Iminqweno ingade izenze zibe mbi nangakumbi izinto. Ngamanye amaxesha eyona nto ilungileyo kukuyela nje loo nto unayo."

"Kulungile," watsho uNomsa engxamise. "Khawutsho ke, wenza njani ukuze lisebenze eli yeza?"

"Usela nje kancinci xa ugqiba uchaze loo nto uyingqwenelayo," wacacisa watsho uFolbo. Kwathi khafu umsi, waza uNomsa wazibona engaphandle kwaloo venkile yomlingo.

"Akuncedi ukulinda," uNomsa watsho, elithi laqa kancinci elo yeza. Incasa yalo yayingathi zistrawberry. "Ndingwenela ukuba ndingahlali efama."

UNomsa walinda, kodwa akuzange kwenzeke nto.

"Makhe ndizame enye into. Heke ndiyayazi. Ndimfutshane kakhulu." Wathi laqa waza wathi, "Ndingwenela ukuba ndibe mde."

Ngoko nangoko uNomsa waqalisa ukukhula. Wanyuka, wakhula de intloko yakhe yaba semafini.

"Whoo," watsho, njengoko intaka yayibhabha idlula, "ndimde ngokubaxiweyo noko."

Wathi laqa kwakhona, wathi, "Ndingwenela ukuba ndingabi mde kangaka."

UNomsa watswina njengoko lo mlingo wawusebenza. Kwabudla umoya. Wehla, wancipha de ingca yangathi yimithi ewangaza entla kwakhe yaza Ivenkile Yomlingo KaFolbo yangathi lipomakazi lendlu.

"Hehake," wakhalaza watsho. "Ndimfutshane gqitha ngoku."

Waphinda wathi laqa waza wathi, "Ndingwenela ukubuyela kubude bam obuqhelekileyo."

Kwatsho isandi, waza uNomsa wabuyela kubude bakhe obuqhelekileyo.

"Benditshilo ndathi ulumke," watsho uFolbo emi emnyango kwivenkile yakhe yomlingo. "Sele unqwene kwade kwakane."

UNomsa wanqwala waza wahamba egoduka.

Ukufika kwakhe efama, yonke into yayibonakala isafana. Utata wayesegadini ehoye imifuno yakhe, uMama wayepheka, ibeinja yakhe encinci, uMax, yayilele kwisitepsi esingaphambili endlwini.

"Inoba umnqweno wam awukhange usebenze," watsho, edanile. "Molo, Tata. Molo, Mama. Molo, Max."

UMax wakhonkotha. UTata wakwela intloko waza wathi, "Ungubani?"

"Tata, ndim, uNomsa."

"UNomsa?" watsho uTata, ebamba uMax ukuze ayeke ukukhonkotha. "Ngubani lowo?"

UMama waphuma. Wasonga izandla waza wathi, "Ulahlekile?"

"Mama, ndim, uNomsa."


"UNomsa?" uMama wabuza. "Hayi andazani naNomsa mna."

"Yhoo," watsho uNomsa, "lo mnqweno awenzekanga ngale ndlela bendifuna ngayo tu. UFolbo wayechanile."

UNomsa wajonga intsapho yakhe nefama. Yayibonakala ibubudenge into yokuba afune ukuyohlala kwenye indawo. Ngoku yayingekho enye indawo awayenqwenela ukuba kuyo. Wayefuna ukuba kunye nentsapho yakhe kuloo fama.

"Ndingwenela ukuhlala apha nentsapho yam," watsho, esithi laqa ithamo lokugqibela laloo bhotile, "ngendlela ebekuyiyo ngaphambili."

"Nomsa, ufikile ekhaya," watsho uTata, encumile. Wamyeka uMax, weza ebaleka eze kukhatha isandla sikaNomsa.



"Nomsa," watsho uMama, "Ndinandula ukugqiba ukupheka ngoku. Ndipheke laa nto uyithandayo."

UNomsa wancuma waza wangena endlwini ukuze ababalisele bonke ngeVenkile Yomlingo KaFolbo, ngeminqweno, nangokuba ukuthanda kangakanani ukuba sekhaya kunye nentsapho yakhe kuloo fama.

## Yenza ibali linike umdla!

- Zoba imifanekiso emibini kaNomsa esekelwe ebalini: omnye ube ngowela xesha emde kakhulu uze omnye ube ngowela xesha wayemfutshane kakhulu.
- Ukuba ibikho into ongayinqwenela wena, ibingaba yintoni? Yenza uludwe lwezinto ezintlanu obungazinqwenela apho eyoku-1 iyeyona nto ibalulekileyo, ize eyesi-5 ibe yeyona ingabalulekanga.

- Yenza ikholaji yesidalwa sasentsomini. Ungasebenzisa iziqwenga zemifanekiso esuka kwimagazini, amaphepha, iziqwenga zelaphu, amaso namaqhosha nazo naziphi na iimathiriyali ezisetyenziswa ngokutsha ukuze wenze loo kholaji.



Drive your  
imagination



# Folbo's Magic Shop

By Kai Tuomi ■ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood



Nomsa's route home from school took her past the colourful houses, around the train station and through the veld to the family farm.

Nomsa liked the veld because there were fewer people there, but she hated how far away she lived from town. Most of the other children lived in the colourful houses.

"I wish I didn't live on a farm," she said, kicking a rock along the path.


Nomsa knew the route well, so she was surprised when she saw a strange little building beside the path. It was too small for a person and it had hundreds of chimneys from which colourful smoke rose into the air.

"What is this place?" she said, bending down to read a sign above the tiny door that said: **Folbo's Magic Shop**.

Nomsa laughed, "This must be a joke. There's no such thing as magic."

"Oh," said a funny little voice, "you think there's no such thing as magic? Then explain this."

With a loud bang and a shower of pink and golden lights, Nomsa found herself crouched inside Folbo's Magic Shop with her head against the ceiling.



"What did you just do?" Nomsa asked in amazement.

"Magic," said the creature behind the shop counter.

Nomsa's eyes grew wide as she saw the creature talking to her was a lizard dressed in a frilly pink suit.

"My name's Folbo. Welcome to my magic shop. I overheard you when you said you wished you didn't live on a farm. I can help you change that with magic."

"You can?" asked Nomsa in surprise.

"Oh yes," said Folbo, grabbing a little potion bottle with his tail. "This potion grants five wishes. You could wish to live somewhere else. You could wish anything really."

Nomsa's eyes grew wider. "How much is it?" she asked.

"Oh," said Folbo, "it's cheap, only fifty cents."

"I have fifty cents," said Nomsa excitedly. "I'll take it."

"Well," said Folbo, giving her the bottle, "just be careful. Wishes don't always work out the way you want them to. Wishes can even make things worse. Sometimes it's best to be happy with what you have."

"Okay," said Nomsa hurriedly. "So, how does the potion work?"

"You drink a little and then make a wish," explained Folbo. And with a puff of smoke, Nomsa found herself outside the magic shop.

"No point in waiting," Nomsa said, taking a sip of the potion. It tasted like strawberries. "I wish I didn't live on a farm."

Nomsa waited, but nothing happened.

"Let me try something else. I know. I'm too short." She took a sip and said, "I wish I was tall."

Suddenly, Nomsa began to grow. Up she went, growing until her head was in the clouds.

"Woah," she said, as a bird flew past, "this is too tall."

With another sip, she said, "I wish I wasn't so tall."

Nomsa shrieked as the magic worked. Wind rushed past her. Down she went, shrinking until the grass waved like trees above her and Folbo's Magic Shop was the size of a mansion.

"Oh dear," she squeaked. "Now I'm too short."

She took another sip and said, "I wish I was my usual height."

With a pop, Nomsa returned to normal.

"I told you to be careful," said Folbo from the magic shop door. "You've used four wishes already."

Nomsa nodded and walked towards her home.

When she got to the farm, everything looked the same. Papa was in the garden with his vegetables, Mama was cooking, and her little dog, Max, was sleeping on the front step.

"I guess my wish didn't work," she said, disappointedly. "Hello, Papa. Hello, Mama. Hello, Max."

Max barked. Papa scratched his head and said, "Who are you?"

"Papa, it's me, Nomsa."

"Nomsa?" said Papa, holding Max to stop his barking. "Who's that?"

Mama came out. She crossed her arms and said, "Are you lost?"

"Mama, it's me, Nomsa."

"Nomsa?" Mama asked. "I don't know anyone called Nomsa."

"Oh no," said Nomsa, "this wish didn't work out at all like I wanted. Folbo was right."

Nomsa looked at her family and the farm. It seemed silly that earlier she had wanted to live somewhere else. Now she couldn't think of anywhere else she'd rather be. She wanted to be with her family on the farm.

"I wish to live here with my family," she said, taking a final sip from the bottle, "just like it was before."

With a puff of smoke, the bottle disappeared.

"Nomsa, you're home," said Papa, smiling. He let go of Max, who rushed over to lick Nomsa's hand.



"Nomsa," said Mama, "I've just finished cooking. It's your favourite."

Nomsa smiled and went inside to tell them all about Folbo's Magic Shop, the wishes, and how much she loved being home with her family on the farm.

## Get story active!

- Draw two pictures of Nomsa that are based on the story: one where she is very tall and another where she is very small.
- If you could wish for anything, what would you wish for? Make a list of

five things that you would wish for, where 1 is the most important thing, and 5 is the least important thing.

- Make a collage of a fantasy creature. You can use cutouts from magazines, paper, bits of cloth, beads and buttons and any other recyclable materials to make your collage.



Drive your  
imagination

# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

## Nal'ibali fun



1.

### Yenza ibheji

1. Sika ukhuphe ibheji ulandela umgca ongamachaphaza **abomvu**.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji ngobukhulu kwikhadibhodi ephephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emantla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

### Make a badge

1. Cut along the **red** dotted line to cut out the badge.
2. Colour in the picture.
3. Cut a circle the same size as the badge from some thin cardboard, for example, a cereal box.
4. Use glue to paste the badge onto the cardboard.
5. Use sticky tape or masking tape to attach a safety pin to the back of the badge. Or make a hole at the top and thread some wool or string through it so that you can hang it around your neck.
6. Enjoy wearing your badge as you read and listen to stories on World Read Aloud Day.



2.

Sombulula aba nobumba ukuze ufumane **IMIBALA EMIHLANU EYAHLUKENEYO ekuthethwe ngayo kwibali elithi, Yintoni leyo?**

WUROBANI .....  
 PHOOMHLE .....  
 VOOBUM .....  
 AMMOYAN .....  
 WULOBO .....

Unscramble the letters to find **FIVE DIFFERENT COLOURS** mentioned in the story, *What is it?*

NBWOR .....  
 HWIET .....  
 DER .....  
 KCBLA .....  
 UEBL .....



3.

Khawujonge le mifanekiso ekwibali elithi *Yintoni leyo?* Yifakele amanani ngohlobo lokuba ilandelelane ngokwezinto ezenzeke ebalini. Ngoku sebenzisa imifanekiso uze uphinde ulibalise eli bali.

Look at these pictures from *What is it?* Number them so that they match the order in which things happened in the story. Now use the pictures and retell the story.



**Impendulo:** 2. obrawuni, omhlophe, obomvu, omnyama, oblowu; 3. 4, 1, 3, 2.  
**Answers:** 2. brown, white, red, black, blue; 3. 4, 1, 3, 2.

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:



Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekola Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

